



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

2017

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha angama-23.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	INoveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE
IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

ICANDELO B: INOVELI
Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA
Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.
9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ITHEYIBHILE YESIQLATHO SEPHEPHA LOVIWO.

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

ICANDELO A: ISIHOBE			
Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. 'Afrika Likhaya'	Umbuzo osisincoko sombongo	10	6
2. 'Intlakohlaza'	Umbuzo omfutshane	10	7
3. 'Uvukani madoda kusile'	Umbuzo omfutshane	10	8
4. 'U-Profesa AC Jordan'	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE			
Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile			
5. 'Ingoma'	Umbuzo omfutshane	10	10
QAPHELA: Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.			
ICANDELO B: INOVELI			
Phendula umbuzo OMNYE.			
6. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	11
7. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	11
8. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	14
9. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
ICANDELO C: IDRAMA			
Phendula umbuzo OMNYE.			
10. <i>Amaza</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	17
11. <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	17
12. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	21
13. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omfutshane	25	21

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI (✓)
A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
KUNYE			
A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B: INoveli Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	6–9	1	
C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	10–13	1	
QAPHELA:	KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.		

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenndule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELELKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule umbuzo olandelayo.

AFRIKA LIKHAYA – W Shasha

- 1 Kowu aphin'amadodana!
- 2 Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
- 3 Intombi kabawo bayenzakalisile,
- 4 Izidlwengu zezidlamlilo.
- 5 Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,
- 6 Ngcango festile ziyalenga-lenga,
- 7 Sebekruthakrutha batyhoboza!
- 8 Rhuthu intong'am ndaphakamisa,
- 9 Yangen'imbumbulu bandosela.
- 10 Beza nomfundisi wathandaza,
- 11 Hlas' umkhont'am ndabibitheka:
- 12 Ndonda ngecabanga balambisa,
- 13 Yangen'imbumbulu bandosela.
-
- 14 Ndothath' imihlakulo ndidiliz' iintaba,
- 15 Ndidibe le milabo ndinyhanyhathe,
- 16 Nditsho nditabhate ndiphangalale?
- 17 Ndongqiyaza ndigxanye-
- 18 Ndithintelwe lulwandle!
- 19 Ndiguqul'umbombo-
- 20 Ndithintelwe lulwandle!
- 21 Gabalala mthebelele-
- 22 Afrika likhaya!

Tyhila indlela ewuphuhlisa ngayo umxholo imiqolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240 (Iphepha elinye elinesiqingatha).

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe

- | | |
|----|------------------------------------|
| 1 | Ntlakohlaza, siyakubulisa! |
| 2 | Mvuseleli, sithi tyaph'ufike. |
| 3 | Luhl'uhlaza olwambes'umhlaba, |
| 4 | Neentyatyambo ezigqagqeleyo. |
| 5 | Ubulusizi umhlaba ukhedamile, |
| 6 | Uxwebil' uhlininika, umbi- |
| 7 | Namhla uyancuma, uyahleka, |
| 8 | Ntlakohlaza, siyakubulisa! |
| 9 | Ubugugile, wambeth'amajacu, |
| 10 | Uneentloni, amehlo ejonge phantsi; |
| 11 | Wawambesa, wanjengomtshakazi. |
| 12 | Ntlakohlaza, siyakubulisa! |
| | |
| 13 | Ntlakohlaza, siyakubulisa! |
| 14 | Silandeli sobusik'obubi, |
| 15 | Mfudumezi emva kwamakhephu, |
| 16 | Mniki-bomi olandel'intshazo. |

- | | | |
|-----|--|-----|
| 2.1 | Siphuhlisa ntoni isimntwiso esisetyenziswe kumqolo woku-1? | (2) |
| 2.2 | Yintoni injongo yokuphindaphindwa komqolo 'Ntlakohlaza, siyakubulisa!' kwesi sicutshulwa sombongo? | (2) |
| 2.3 | Ntsingiselo ni ephuhliswa yimbongi kumqolo we-9? | (2) |
| 2.4 | Ngqina uluvo lokuba lo mbongo ngumbongo nkcazo. | (2) |
| 2.5 | Ingaba unjani umoya wembongi kwesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. | (2) |

[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa

1 'Ndikhumbul'eNxu-u-ba,'
 2 Watsh'uVukani madoda kusile,
 3 Wathi makuthengw'eyekhakh'ibhulukhwe,
 4 Yatsh'int'ekhonya ngamava,
 5 Yatsh'ixel'isifingo sokusa.

6 Nkunz'edla kamnandi yedla neemazi,
 7 Nkunz'eyaziwayo yaziwa ngamathole.
 8 Yaqhwaya madod'izihlamb'emgqubeni,
 9 Yancedis'ukufun'isitshix'emfungu-mfungwini.

10 Wubon'uzigwagwisa kwiintokazi,
 11 Wubon'usakha amaxhaka,
 12 Wubon'udlisela ngobungangamsha,
 13 Gqi indun'enkulu usapho luyashiywa.

- 3.1 Siphuhlisa ntoni isimntwiso esisetyenziswe kumqolo woku-1. (2)
- 3.2 Yintoni injongo yokuphindaphindwa kwegama 'nkunzi' kumqolo wesi-6 nowesi-7? (2)
- 3.3 Ntsingiselo ni ephuhliswa yimbongi kumqolo wesi-7? (2)
- 3.4 Ngqina uluvo lokuba lo mbongo ngumbongo nkcazo. (2)
- 3.5 Ingaba unjani umoya wembongi kwesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

U-PROFESA AC JORDAN – ZS Qangule

- 1 Tarhuni nonke zingcali zesiXhosa,
 2 Leqani equleni imimoya iyabhudla,
 3 Balekani hleze kuvele imbalela
 4 Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo,
 5 Yakufa inkuku amaqanda ayabola.
 6 Kolunga sonke sibaleke sibonisane,
 7 Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa.

 8 Uvakele ubham wokuwa komthi,
 9 Kwahlokoma amawa ezizwe ezikude,
 10 Kwanga kudlula umoya wezixhobo,
 11 Kwanga kukhasa inkungu umoya wentlambo
 12 Bathi kufanele iminyanya iwelile,
 13 Zazola iilwandle zanika imbeko,
 14 Yana invula ayenza nangxolo.

 15 Izigalo zegorha namhla ziwile,
 16 Iminwe yeqhawe namhla iyekile,
 17 Amehlo acimele abona ekudeni.
 18 Imiqulu nantso ithe xazalala,
 19 Qoqosha lusapho lilifa lakho,
 20 Indedeba kaloku ibizidla ngawe,
 21 Iduna kaloku belibilela wena.

- 4.1 Luphuhlisa ntoni ubaxo olusetyenziswe kumqolo wesi-8. (2)
- 4.2 Yintoni injongo yokuphindaphindwa kwegama 'Kwanga' kumqolo we-10 nowe-11? (2)
- 4.3 Ntsingiselo ni ephuhliswa yimbongi kumqolo we-13? (2)
- 4.4 Ngqina uluvo lokuba lo mbongo yiEleji/isimbambazelo. (2)
- 4.5 Ingaba unjani umoya wembongi kwesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]**KUNYE**

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

INGOMA – IV Mtamzeli

- | | |
|----|----------------------------|
| 1 | Sisidlo sazw'iindlebe. |
| 2 | Luyolo lomphefumlo. |
| 3 | Yimbangi yobushushu. |
| 4 | Luchwayitiso ntliziyo. |
| 5 | Yomelez' abatyhwatyhwi, |
| 6 | Yakutsho ngondiliseko. |
| 7 | Kusike kuzw' iintumbu. |
| 8 | Lidangatye kumphefumlo. |
| 9 | Kwiindlela zotyhulubo |
| 10 | lingxaki ziphela nya. |
| 11 | Kwiinkumbulw' ezikude, |
| 12 | Kumazw' amaphupha, |
| 13 | Kusiphuke ziinwele |
| 14 | Kumzimb'ontlontl' iintolo. |
| 15 | Ingoma iyaxakisa; |
| 16 | Kuzalwa iyathetha, |
| 17 | Kufiwa iyalunga, |
| 18 | Kuvuyw' ayiphetshwa, |
| 19 | Kulilw' iyathandwa. |
| 20 | Ngumbaseli-ntliziyo, |
| 21 | Unik'ithemba kwabaze. |

- 5.1 Uphuhlisa ntoni umfanekiso-ngqondweni wendlebe ofumaneka kumqolo wesi-6. (2)
- 5.2 Yeyiphi invakalelo evezwa lubaxo olusetyenziswe kumqolo we-13. (2)
- 5.3 Ntsingiselo ni ephuhliswa yimbongi kumqolo we-15? (2)
- 5.4 Ngqina uluvo lokuba lo mbongo ngumbongo nkcazo. (2)
- 5.5 Ingaba unjani umoya wembongi kwesi sicutshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

Phendula UMBUZO 6 (UMBURU OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBURU OMFUTSHANE).

UMBURU 6 (UMBURU OSISINCOKO SONCWADI)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Kubalulekile ukuba nombono ngobomi bakho. Ngqina olu luvo ngokubhekiselele kumlinganiswa onguThole.

Ubude bempendulo ecwangciswa ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2 ½ amaphepha).

[25]**UMBURU 7 (UMBURU OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Ewe ndoda! Ubekwa yini apha?' yatsho le nto ibuzisa uThole. 'Ndibekwa ziinyawo!' watsho uThole ephakama ngokukhawuleza kucaca ukuba uzimisele ekubeni alwe, uxolo aluyi kumnceda nto ukulucela bayaziwa abantu boxolo, hayi lo.

Uthe ukuba atsho yatsho kakhulu le nto ngempama engalindele, yatsho ngebuhlungu impama eyatsho kwaphithizela imililo apha phambi kwakhe. Kuthe kusenjalo yatsho kakhulu ngenqindi kwee dlwe waqonda ukuba ndiyabethwa ngoku alikho elinye icebo ngaphandle kokuba ndilwe. Ithe xa ithi mayiphinde le nto waliganga ngesokhohlo inqindi layo walikhulula elakhe ngesokunene wayibetha yankeleza akayilandela wayibukela. 5

Akazanga esayibukele njalo weva ngenqindi lingena lodwa emsundulweni kwakha kwee siba kuye waqabuka zimombelela ngamanqindi. Uvuke ngamandla apho evula ngenqindi wawadudula omathathu ewaxina ekoneni. Kuthe kusenjalo weva ngelizwi emva kwakhe lisithi, 'Heyi!' 10

Uthe akunyeka wabona ngesinye isibini simkhombe ngomkhono wekati. Waphelelwa ngamandla kwangoko waguquka ewajonga.	15
--	----

'Phakamis'izandla!' itshilo enye into kwesi sibini. Waqonda ukuba ukufa kufikile kuye akalibazisa ukuziphakamisa izandla. Uthe ukuba aphakamise yatsiba enye kwesi sibini samva yamqamangela, ngokungekho similweni, ngentambo ezandleni yathi ukuba igqibe yamfak'impama yamkhaba waya kuwa. Uthe ukuba awe yatsiba leya yokuqala yamxovula ngezihlangu.	20
---	----

- 7.1 'Ewe ndoda! Ubekwa yini apha?' (Kumgca 1)
Cacisa ukuba kwakwenzeke ntoni ukuze kubuzwe lo mbuzo. (2)
- 7.2 'Ndibekwa ziinyawo!' (Kumgca 1)
Phawula ngale mpendulo enikwa nguThole kulo ubuzayo. (2)
- 7.3 Le ngxoxo ikwiscatshulwa imveza njengomlinganiswa onjani uThole? (2)
- 7.4 '... ndiyabethwa ngoku alikho elinye icebo ngaphandle kokuba ndilwe.'
(Kumgca 6–7)
Nika udidi lwempixano olutyhilwa leli binzana uze uxhase impendulo yakho. (2)
- 7.5 'Phakamis'izandla!' (Kumgca 16)
Oku kuphakamisa izandla kungumqondiso wantoni? (1)
- 7.6 Saba yintoni isiphumo soku kuqhubeka kwesi sicutshulwa? (2)
- 7.7 Landelelanisa ezi ziganeke zilandelayo ngokokulandelelana kwazo ebalini:
A Ukufika kukaThole kokwabo evela eKnysna.
B Ukuqhutywa kukaThole ngootsotsi asiwe ngaphaya kwelokishi.
C Ukuzenza kukaThole igqirha. (3)

KUNYE

ISICATSHULWA B

Wamana ukutsho ngesingqala umntu omkhulu ekobude ubuthongo.

'Shame!' wamana ukutsho uThozama esiva esi singqala emana ukusuka ayokumbamba ebunzi emva ubushushu. Wayesithi akuphathwa ebunzi abonakale encuma, phofu kucaca ukuba uncumela ebuthongweni.

'Uyaphupha torwana!' wamana ukutsho uThozama ebona olo ncumo. Koko kumana ukumbamba ebunzi ukhe wabonakala esithi xhungu uThozama emondela ngokungathi ngumntu lo onanto ayiqaphelayo. 5

'Yintoni mama!' wabuza umfundisi esothuka, ephakama esihlalweni sakhe esondela,cinga ukuba makube umntu uyaqhawuka. Uthe ukuba asondele umfundisi yamondela inkosikazi yakhe ebusweni yabuya yajonga kweli xhego yavakala isithi, 'Papa!' kalokungoku uThozama wayengasatsho ukuthi 'Bhuti Thole' kuMangaliso, wayesithi Papa, 'Mama!' wasabela watsho umfundisi. 10

'Khangela!' watsho ekhomba isiva esisebusweni exhegweni. 'Khangela!' uphinde watsho ekhomba eso sasisebusweni ku-Mangaliso.

'Ke?' watsho umfundisi ejonge kuThozama. '*Isn't it funny?*' wabuza uThozama ngesiLungu. 15

'*What's funny about a scar?*' uphendule ngombuzo watsho uMangaliso.

Uphindile uThozama waya esinqeni kweli xhego ekhumbula into ebekhe wayibona xa ebeliphatha-phatha liyoba. Unyuse ihempe kancinci ezantsi kwenkaba wakhombisa uMangaliso esithi, 'Khangela!' 20

'Ngumkhango lowo,' watsho uMangaliso engayazi intsingiselo yokuba akhonjiswe umkhango wexhego.

'Andithi nawe unawo?' ubuze watsho uThozama. 'Ewe ndinawo, ke?'

'Hayi, Papa maan, niyafana nalo tata, ngaphandle kwezi zinto ndizikhombayo, ingxam nje le yobuso nguwe kanye,' wadanduluka watsho uThozama ekhwaza. 25

'Sh-hh!' watsho uMangaliso emtsibela embamba emlonyeni efuna angafundekeli owayelele.

'Isenokwenzeka into yokufana kwabantu, mama, nokuba abazani, kaloku abantu bambala-nkomo, ...'

7.8 'Wamana ukutsho ngesingqala umntu omkhulu ekobude ubuthongo.' (Kumgca 1)

Sivuselela mvakalelo ni isingqala sikaMkwayi? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.9 '*What's funny about a scar?*' (Kumgca 17)

Nika amagama ezidanga aziphumeleleyo uMangaliso ngokwasencwadini njengoko lo mgca ubonakalisa ukuba ufundile. (2)

7.10 'Unyuse ihempe kancinci ezantsi kwenkaba wakhombisa uMangaliso ...' (Kumgca 19–20)

Yayiyintoni injongo kaThozama ngokwenza oku? (2)

- 7.11 Cebo lini elisetyenziswe ngumbhali ukudibanisa uMkwayi noThole ongunyana wakhe? (2)
- 7.12 Chaza isimo sentlalo esityhilwa sesi sicutshulwa. (2)
[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Kubalulekile ukuyimela into okholelwa kuyo. Ngqina olu luvo ngokubhekiselele kumlinganiswa onguThole.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½).

[25]

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda ezi zicutshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

Ndakuqaphela ezitratweni ndafika kubhaca wonke umntu, omncinci nomdala, owesikolo nongengowasikolo.

Amabhayi abafazi ayethe naa emoyeni, iimbukuxana zeentwana ezingekayi sikolweni zithe bhakada bhazalala emgaqweni, zimbi zijweda emva koonina. Kukho iqela labatshakazana elathi lakubona igquba labafundi lisiza ngakubo, lazilahla iimele, laqhawula ukuhlisa isitrato, iilokhwe zathwalwa ziimpundu, iingcondo zaxhola umhlaba. Ndidlule kumakhwenkwe ayencathame ngezindlu ephindisa ngeembokotho njengokuba amapolisa ayeleqisa nje. Ndingene nam ndachola utshalilanga, ndagibisela ngamandla, ayimvula amatye ukuya elutshabeni. 5

Belisithi elichaniweyo liyilahle kude imvubu, libe sisibhene ukubalekela ngasezithuthini. Yasikhuthaza ke le nto, kuthi apho kuvuleke ithuba khona, zibhonge iimbokotho ukukhawulela amapolisa. Emva kwesidala ingumpu nembokotho, imbokotho nemvubu, kwabakho ipolisa elichanwa entloko, gqum, geqe phantsi lalutywantsi. Laxwaywa ngabalingane balo, bedudulwa ngamatye ngamakhwenkwe esikolo, sekungenelele nempi yaselokishini, oomahlalela. 10 15

Yathi yakuhlehla eyoonongqayi, ikhatshelwa ngesiphango samatye, ndarhoxa, ndahlaba ngendlela egodukayo kuba nezithonga zemipu zaziseziyekile, iyimikhwazo efunzayo nengxolo yezinja esavakalayo. Sasiyaluzela isixeko, iyaluzela ingqondo yam. Idabi lalingaselelabantwana besikolo kuphela ngoku, sekungenelele wonke umntu wesixeko. Iintokazi ezimabele made ziyiyizela zisithi eyona mfazwe ifikile. Ithi engakwaziyo ukugibisela ngembokotho, igibisele isithuko, igqibezele ngelithi, 'naqhel' amagwala, imini yenu yile, ezi zinto zeba imihlaba yoobawo, bulalainja!!' 20

- 9.1 'Ndakuqaphela ezitratweni ndafika kubhaca wonke umntu, ...' (Kumgca 1)
Cacisa ukuba yintoni ekhokelele koku kwenzekayo. (2)
- 9.2 'Ndidlule kumakhwenkwe ayencathame ngezindlu ephindisa ngeembokotho' (Kumgca 7–8)
Nika udidi lwempixano olutyhilwa leli binzana uze uxhase impendulo. (2)
- 9.3 'Ndingene nam ndachola utshalilanga, ndagibisela ...' (Kumgca 8–9)
Phawula ngesi senzo sikaMfazwe. (2)
- 9.4 Chaza isimo sentlalo esityhiwa koku kuqhubekayo kwesi sicutshulwa. (2)
- 9.5 '... kwabakho ipolisa elichanwa entloko, ...' (Kumgca 13)
Amapolisa angumqondiso wantoni kule noveli? (2)
- 9.6 Yayintoni injongo yokuba amapolisa anike ingxelo engeyiyo ngoKK? (2)
- 9.7 Landelelanisa ezi ziganeko zilandelayo ngokokwenzeka kwazo ebalini:
A Ukubhaqa kukaMfazwe abantu ababulewe nguFriday.
B Ukuthatha kukaMfazwe uhambo oluya kwaZamlandela
C Ukugxothwa kukaMfazwe entlanganisweni kusithiwa yimpimpi. (3)

KUNYE**ISICATSHULWA D**

Kwibalana lengca, nankuya laa mthendevu ulijaja ligazi, uzilenca apha emkhonweni. He madoda! Yintoni kanye kanye le yenzekayo? Ndazibuza ndijika ndisiya kuwo. Xa ndifikayo, nja yayiphi. Yingqondo yam le indibhanxayo, hayi, andiphazami, bendibona yona! Ndifike apho ibilele khona ndahlola. Kwakungekho nto ithi kwakukhe kwalala nto engceni. Kanti umntu uqala ngokuthini xa aza kuphambana? Ndahamba ixesha elide kungekho nto yenzekayo ngaphandle kokothuswa ziintaka neenyamakazana. Ndiyokuqabela induli, thu eMgazi, ubonakala kude phaya, kude kakhulu. Ndikhe ndahlala phantsi ndakhupha ufele lomzingeli kuba kuwo onke la manzithinzithi, ndandingekahlukani nalo. Ndiluvulile, yonke into yayisahleli kakuhle. Ndaziqhola ngawo onke lawa mafutha, ndahlafuna isijungqe sokugqibela somqwayito ndidibanisa nalaa magqatya. Ndandisazibona ndifika kwiofisi esesazulwini sedolophu endandiyalathisiwe nguJoma ukuva kwam isithonga sikrazula intsasa. Ndive ngokunyela komlenze ukuba ndichaniwe. Ndiyokulala ngecala ngoko nangoko, sendibona umkhosi wamakhwenkwana usithi thu udubula kum. 5

Into eyandincedayo kukuba ayedubula ngokoyika, uninzi lweembumbulu luchana amantla elitye endandayame ngalo. Rhuthu, okaSikhotsholo ndabasa. Lo kaSikhotsholo umpu wawutsalwa nje kube kanye ugraye into engapheliyo. 15

Ndawabona amakhwenkwe esiwa ngathi yingqolowa ilaliswa yirhengqe. Amanye ajika asimbelwa isinqe ukuya kutshona ematyholweni. Andayeka ukudubula noko, wade waziyekela ngokwawo umpu. 20

- 9.8 'Kwibalana lengca, nankuya laa mthendevu ulijaja ligazi, ...' (Kumgca 1)
Cacisa ngomthendevu ekuthethwa ngawo. (2)
- 9.9 'Ndiyokuqabela induli, thu eMgazi, ...' (Kumgca 7)
Xela into eyenzeka kuloliwe oya eThongo akuba uMfazwe ephumile. (1)
- 9.10 'Ndikhe ndahlala phantsi ndakhupha ufele lomzingeli ...' (Kumgca 8)
Siganeko sini eshlela uMfazwe emva kokuba ohlukene nomzingeli? (2)
- 9.11 Kwesi sicutshulwa uvela njengomlinganiswa onjani uMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 9.12 Ingaba injongo yolu hambo lukaMfazwe yaphumelela? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- kwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUSO OMFUTSHANE.
- Khethe umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

UMBUZO 10 (UMBUZO OSINCOKO SONCWADI)**AMAZA – ZS Qangule**

Bonisa ukuba isihloko sencwadi esithi *Amaza* siyanxulumana nomxholo wayo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½).

[25]**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

NAMHLA: Wawuthengwe ngubani?

LIZO: NguZodwa ngokwakhe.

NAMHLA: Ngemali kabani?

LIZO: Andiyazi.

NAMHLA: Inene, kugqityiwe.

5

LIZO: (*Esiya ngasemnyango*) intliziyo yam ithi masizmele ngobu busuku.

NAMHLA: (*Emlandela*) ndiyayoyika loo nto.

LIZO: (*Emile emfulathele*) Woyika ntoni?

NAMHLA: (*Esima phambi kwakhe ebambebele emagxeni*) Sime kunxweme lomlambo obunzulu singabaziyo, kungcono singangxami siziphose hleze 10 soyele sife.

LIZO:	<i>(Esiya ngasefestileni)</i> Ziinyanga ilizwi ulikhuphele imixhadi, ngunyaka wonke iinyembezi uziphalaza, ucela amawenu ukuba angakutshatshi noSidima. Kodwa sekunjalo iinyembezi zakho ziwa njengamanzi entlabathini. <i>(Ejika emjonga)</i> Ingaba usaboyikela ntoni ububi obunokucela uziqhelile nje iintolo zabo?	15
NAMHLA:	<i>(Esiya kuchopha ebhedini)</i> Utsho usithini?	
LIZO:	<i>(Esondela kuye)</i> Nditsho ndisithi qina, masilungise, utyhafo nobutyeketyeke mabukhwelele.	
NAMHLA:	<i>(Emhlalisa emgona)</i> Masingangxami siziphose kudaka esakuthi sizikhupha kulo sibe sitshona kwakulo.	20
LIZO:	<i>(Engqengqa)</i> Bendingazi ukuba singathintelwa zizidenge zamaqaba kwiinjongo zethu.	
NAMHLA:	Intsomi yakwaXhosa ithi izitunxa zabeka ilityekazi endleleni, nkqi, zoyiswa kukulisusa izilumko!	25
LIZO:	Kanene lo Sidima uza kuhlala ixesha elingakanani emva kwaloo nomgogwana womtshato?	
NAMHLA:	Iinyanga zimbini qwaba, abuyele eRhawutini.	
LIZO:	Kanene wenza msebenzi mni?	
NAMHLA:	Ukwii-ofisi zeedompasi kufutshane nemigodi.	30
LIZO:	Ukuba ubuye engawelwanga ngumgodi, uya kufika edilikelwe yindlu.	
NAMHLA:	Kuwa into ebimile.	
LIZO:	Niza kutshatshiwa ngubani?	
NAMHLA:	Ngumfundisi uZazile, umkhwe wakho.	
LIZO:	Umkhwe uza kwenza umkhwa wokuba kuthiwe utshatshile. <i>(Efaka icwecwe ebamba uNamhla ukuba badanise)</i> Simfumene kamnandi lo Sidimandini.	35
NAMHLA:	Ungathi uzuzile kanti uzuziwe! <i>(Kungena uDanile ngequbuliso besankonyene)</i>	
DANILE:	<i>(Ekhomba uLizo ngegqudu lakhe)</i> Mayiphumeinja emzini wam! <i>(Unyoshoza aphume uLizo. Usala uDanile ejamele uNamhla. Uwe umkhusane.)</i>	40

- 11.1 '... ngunyaka wonke iinyembezi ziphalaza, ucela amawenu ukuba angakutshatshi noSidima.' (Kumgca 12–14)
Yintoni eyenziwe ngabazali bakaNamhla engunobangela wokuba aphilaze iinyembezi? (2)
- 11.2 '... Ingaba usaboyikela ntoni ububi obunokubela uziqhelile nje iintolo zabo?' (Kumgca 15–16)
Iveza ntoni ngesimo sikaLizo le migca ingasentla? (2)
- 11.3 '... izitunxa zabeka ilityekazi endleleni, nkqi, zoyiswa kukulisusa izilumko!' (Kumgca 24–25)
Nguwuphi umyalezo odluliswa nguNamhla kuLizo kule migca ingasentla? (2)
- 11.4 (*Efaka icwecwe ebamba uNamhla ukuba badanise*) (Kumgca 35–36)
Yeyiphi imisebenzi emibini eyenziwa ngamagama akwizibiyeli ? (2)
- 11.5 'Mayiphumeinja emzini wam!' (Kumgca 40)
Cacisa ukuba kutheni uDanile enxulumanisa uLizo nenja. (2)
- 11.6 Zeziphi iimpawu ezimbini zedrama ezifumaneka kwesi sicatshulwa? (2)

KUNYE**ISICATSHULWA F**

EBhayi, kwindlu kaSilumko noMalimakhwe. Lixesha lesopholo.

MALIMAKHWE: He Tshawe, Uthi uvela eSwazini ngezi ntukwana ?

SILUMKO: Andithi ibhaloni yenza amatshe?

MALIMAKHWE: Hayi, ndincamile! Phofu uhambe njani?

SILUMKO: Kuthe kanti ndisemkhondweni! 5

MALIMAKHWE: Akuzi kundixelela Ukuba uSidima udla amazimba!

SILUMKO: Uphile qete.

MALIMAKHWE: (*Ekhuza, eqhwaba, egqiba indlu yonke*) Bantu bakwaLimakhwe!
Kanti singcwabe bani?

SILUMKO: Ungakhwazi kaloku Limakhwe. Uza kungcolisa umsebenzi wam. 10

MALIMAKHWE: Uxolo Tshawe. Wowu! Soze ndilibale!

SILUMKO: Kanti uZodwa Udla iinkobe oku kwakhe.

MALIMAKHWE: (*Ethethela phantsi*) Ndandikhe ndatsho!

SILUMKO:	Ndifike sendiligqirha lomSwazi, Ndateketa ndafaka nesiZulu kwathi gqibe.	15
MALIMAKHWE:	Ibe kaloku akukho lwimi ungalaziyo.	
SILUMKO:	Bengabuzanga nje. Ndibaxelele ukuba bangamaXhosa, Ndatsho ndabazisa ukuba Akudalanga bebhujelwe sisizalwane, Kwaye kufuneka beye kubeka ilitye, Kungenjalo ilishwa liza kubambatha, Umoya womfi uza kubadubaduba.	20
MALIMAKHWE:	Bathini ke bona?	
SILUMKO:	UZodwa uthethe ngesiporho esingabalalisiyo.	
MALIMAKHWE:	Abayoyika loo nto?	
SILUMKO:	Ndibanike amagqabi ekwepile Ndathi ngumthi wokuchitha amandla otshaba; Ndatsho ndisithi sobe bathethiswe bani.	25
MALIMAKHWE:	Bavuma ke?	
SILUMKO:	Kaloku Limakhwe, ingqondo Ekhonza iinkolo ayikwazi kuhlengisa izinto. Ndibaxelele ukuba bafike ngobusuku Becawe yamangcwaba.	
MALIMAKHWE:	Ubusenzela ntoni?	30
SILUMKO:	Yeka wena, uza kubona.	
MALIMAKHWE:	Uyayisebenzisa ingqondo yakho, Ndiqinisekile, uza kunyuselwa.	
SILUMKO:	Ndibabize iirandi ezingamashumi amabini, Ndizamkele ngetshefu yam ndabulela.	
MALIMAKHWE:	Kanene kusele inyanga ibe yicawe yamangcwaba?	35

- 11.7 'Kuthe kanti ndisemkhondweni ...!' (Kumgca 5)
Loluphi uluvo oluvezwa yile ntetho kaSilumko? (2)
- 11.8 'Uza kungcolisa umsebenzi wam!' (Kumgca 10)
Msebenzi mni owawusenziwa nguSilumko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.9 'Uxolo Tshawe.' (Kumgca 11)
Kubonisa ntoni ukubiza kukaMaLimakhwe umyeni wakhe ngesiduko? (2)
- 11.10 'Ndibanike amagqabi ekwepile ...' (Kumgca 24)
Buchule buni obusetyenziswa nguSilumko eSwazini xa aphantayo? (2)
- 11.11 '... kusele inyanga ibe yicawe yamangcwaba?' (Kumgca 35)
Khankanya iziphumo zibe zibini zentlanganiso eyayibizwe nguSilumko emangcwabeni. (2)
- 11.12 Mfundiso ni efumaneka kule ncwadi ethi, Amaza? (3)

[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Bonisa ukuba isihloko sencwadi esithi *A-a-a! Jongumsobomvu* siyanxulumana nomxholo wayo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½).

[25]**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

MAQOMA:	Akukho sikhwasilima kuloo nto Mtika. Bangawakha loo maziko abo apha kufuphi neelali zethu, bavalelane apho naloo midlungu bayifumeneyo, kodwa uloyiko lwam kukuvula isitha phakathi entsimini. Kaloku iimpuku azoneli ziindiza, zigqithela emboneni zibhuqe. Ndilibambile ke mna eliya lizwi ebelikhe lakhankanywa nguMkhwe malunga nokuqhogana kwabo noSomaseti lowa. Apho uzingela khona umhlangala iyarhorhozela inyhwagi. Kanti ke namaxhwili enza kwa eso emva kwamaxhwili enza kwa eso emva kweempungutye. (<i>kuyahlekwa</i>).	5
KAMA:	Kodwa ke kambe Mkhwe andiyithandi kakhulu nale uyenzayo yokuphindisa, ngokuba ihamba ihambe ibe neziqhamo ezimanyumnyezi. Ndiyakwazi ke wena ukuba awuphathwa manyeni ungasabeli. Khumbula kaloku mfondini ukuba lisanuka igazi kwezi ntlambo zasemaXhoseni. Makhe kulawule uxolo, sihlume kakuhle kuba aphelele namakhalipha esizwe.	10
MAQOMA:	Hayi Mkhwe, undikhaphelela eweni ke ngoku. Uthi mandicimele na ndibe ngathi andiboni xa umhlaba wakowethu utyiwa ndihleli? Uthi mandimandivale amehlo na xa amapece eenkabi zakowethu esihla ngeentlambo? Uthi mandibe kobentlombe na xa amasiko, izithethe nesiNtu sakowethu sibhunyulwa kuthi? Nakanye! Ndazalelwa kanye oku ukuba ndizimele iimfuno zabantu bakowethu. Nengqeqesho yasebukhosini nondlelwa ndalulekelwa kuyo ukuze ndikhokele phambili ekulungiseleleni abantu bakowethu. Xa ndingenakuziqabelisa ezo njongo buphi ke ubomi kum? Kukunqunqelwa egoqweni kube kanye.	15 20
KAMA:	Ndiyakuva Mkhwe. Kodwa ndivumele xa ndisithi sidiniwe mfondini. Nala madoda angandingqinela ukuba eminye imizi Isaphulula izivubeko neenduma zala madabi ngenxa kaThuthula.	25

13.1 'Bangawakha loo maziko abo ...' (Kumgca 1)

Cacisa ukuba ngawaphi la maziko kuthethwa ngawo kule migca ingentla.

(2)

- 13.2 '... naloo midlungu bayifumeneyo, ...' (Kumgca 2–3)
Libaveza njani igama imidlungu aba bantu kubhekiswa kubo? (2)
- 13.3 'Kaloku iimpuku azoneli ziindiza' (Kumgca 4)
Nguwuphi umyalezo odluliswa yile ntetho kaMaqoma? (2)
- 13.4 'Ndiyakwazi ke wena ukuba awuphathwa manyeni ungasabeli.'
(Kumgca 11–12)
Nika izinto ezimbini ezingqina oku kuthethwa ngoMaqoma kule migca ingasentla. (2)
- 13.5 'Uthi mandibe kobentlombe na xa amasiko, izithethe nesiNtu sakowethu sibhunyulwa kuthi?' (Kumgca 18–19)
Nika iziganeko zibe zibini ezibonisa ukubhunyulwa kwamasiko. (2)
- 13.6 'Ndazalelwa kanye oku ukuba ndizimele iimfuno zabantu bakowethu.'
(Kumgca 19–20).
Imveza njengomlinganiswa onjani uMaqoma le ntetho ikule migca ingasentla? (2)

KUNYE**ISICATSHULWA H**

(Kwigumbi elilodwa kweliya ziko labefundisi eNxuba, sel' ewile amathunzi obumnyama ngobusuku boLwesithathu).

- RUFUS: Andazi nokuba befundisi bam niza kundikholelwa na kule nto ndiza kuyithetha. Ndiyafika nindibona nje, andikayi nasemzini wam. Ndithe ngenxa yemivuyo ndaqonda ukuba mandiqale apha kuni 5
ndize kunihlebeli. Ngenene niyakwazi ukuthandaza. Ndiyabona ukuba kuza kufuneka ukuba ndibe ngathi ndithi nca apha kuni hleze kuthi kanti ubutyebi bam buya kuza ngale mithandazo yenu.
- NGCONGOLO: Khawude uthethe le nto ufuna ukusihlebeli yona. Ndiyakwazi wena uza kusibamba ngale ntshwaqane yakho. Asinaxesha 10
lakudlala thina kuba kuza kufuneka sivuke kwangentseni ngokuba kukude eSidutyini.
- RUFUS: Niya kuhamba ngokuphola ngoku kwaye nomsebenzi wenu wenziwe walula kakhulu. Kaloku laa nkosi yaphaya ibulewe nguQuka encediswa ngamajoni ethu. Inkosi ebekiweyo leliya lunga 15
lomfo, uQuka, lowa wathi wasamkela ngobubele. *(Akhuzo amadoda engaziqondanga)*
- FILIPHU: Kwowu! Sonakalelwa! Lifile ngoku ilizwe. Ngokwamava am awulungi umsebenzi wethu xa abantu bejamelene ngezikhondo zamehlo. Siza kulihambisa njani ke ngoku iLizwi leNkosi kuba 20
kaloku abo bantu bebethanda laa nkosi abasayi kuyamkela enye? Luqalile ke udushe ngoku.

KONDILE:	Kodwa ke mna Gqirha bendiyibona ngale ndlela abona ngayo uRufus. Livulelekile ngoku eliya cala apha kuthi ukuba sihambise umsebenzi wethu ngomzimba okhululekileyo. Lithuba lethu ngenene elo ngoku.	25
FILIPHU:	Ndiyala ukuhambisana naloo mbono Mfundisi. Ukuba andiphazami ndiba nguwe ncasana owandixelela into yokuba laa nkosi, uBawana, ngumkhwe kaMaqoma. (<i>Wanqwala uKondile</i>) Ucinga ke into yokuba angacimela uMaqoma ngokungathi akwenzekanga nto kwisizalwane sakhe? Uyaqonda nje kodwa ukuba la Bawana ubhukuqwe evela okanye esiya kulaa mtshato womkhwe wakhe? Ayithethi loo nto kuMaqoma?	30

- 13.7 'Kwigumbi elilodwa kweliya ziko labefundisi eNxuba, ...' (Kumgca 1)
Yeyiphi imisebenzi emibini eyenziwa ngamagama akwizibiyeli? (2)
- 13.8 'Andazi nokuba befundisi bam ...' (Kumgca 3)
Budlelwane buni obuphakathi kukaRufus naba befundisi? (2)
- 13.9 Babekho nganjongo zini abefundisi kule ndawo yooMaqoma ngokwesicatshulwa? (2)
- 13.10 'Ucinga ke into yokuba angacimela uMaqoma ngokungathi akwenzekanga nto kwisizalwane sakhe?' (Kumgca 29–31)
Wenzani uMaqoma ngokubulawa kukaBawana? (2)
- 13.11 Zeziphi iimpawu ezimbini zedrama ezifumaneka kwesi sicutshulwa? (2)
- 13.12 Mfundiso ni efumaneka kule ncwadi ethi, A-a-a! Jongumsobomvu? (3)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80